UMPHATHISWA WENTSHONA KOLONI WESEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO, U-ANROUX MARAIS

INTETHO YEVOTI YOHLAHLO LWABIWO-MALI YOWAMA-2017/18

29 KWEYOKWINDLA 2017

Somlomo obekekileyo
Nkulumbuso
Boogxa bam beKhabhinethi naMalungu ePalamente yePhondo

Sihlalo weKomiti yeSigxina
Ntloko yeSebe nabaphathi beSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
Mahlakani akumacandelo ezemidlalo nenkcubeko
Majelo eendaba
Bahlali baseNtshona Koloni

Good day, goeiedag, molweni nonke

Intshayelelo

Somlomo, eneneni ndiziva ndiwongekile ndikwafumene ilungelo elikhethekileyo ukuthi thaca kule Ndlu nakuluntu lwaseNtshona Koloni ngokubanzi, uhlahlo lwabiwo-mali lweMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo lonyaka-mali ka-2017/18. Ndiza kucacisa malunga nendlela iSebe eliya kuyisebenzisa ngayo imali engama-R725 049 000 ebekelwe bucala ukwakha iNtshona Koloni equka bonke abantu, enobuchule bokuyila izinto ezintsha, esebenza ngenkuthalo, enxibelelanayo nemanyeneyo. Le ntetho-nkcazelo ilandelayo iqulathe ukuzimisela kwethu ekuphenduleni kwiimfuno zoluntu esilukhonzayo nokukhankanya indima ebalulekileyo iSebe ekufuneka liyidlale ekwakheni isizwe, ekuziseni ithemba nasekuphuhleni ngokupheleleyo komntu ngamnye ngokusebenzisa ezemidlalo nemicimbi yezenkcubeko.

IMicimbi yeNkcubeko neMidlalo: Izixhobo ezinamandla okuvuselela ithemba nomanyano

Somlomo, ngenxa yemeko ekuyiyo ngoku, ayifihlakele into yokuba ikamva loMzantsi Afrika kuninzi, kumgwenye, limfiliba. Sonke siye saziva sidodobala ukuya kutsho kwimeko yokuphelelwa lithemba. Kukho ngoku ukuphelelwa lithemba ngokuphathelele kwiinkundla zomthetho, kurhulumente wethu wesizwe, kwimeko ekuyiyo ngoku, kumba wokungafumaneki kwemisebenzi, izinto ezinokukhethwa ukuphucula impilo yethu, nokuye kuthi ekugqibeleni kukhokelele ekuphelelweni lithemba ngokuphathelele kumaziko kanye la ebefanele ukuba akhuthaza la malungelo ethu. Qho kusisa sibona uhlobo olutsha lweyantlukwano, nokuba yesekelwe kubuhlanga, kwiimvelaphi ngezenkcubeko, kubuzwe, kwisini, kulwimi, kwinkangeleko, kukhetho lwesini nakumanqanaba emfundo. Into edala inkxalabo nangakumbi kukuxhaphaka kweeyantlukwano eziqhubeka okokoko nezidala umonakalo kwindlela yokuziphatha esesikweni hayi nje kuphela kwiindawo zethu zasekuhlaleni koko nakubuntu bethu.

Ezi nkqubo zone zifumaneka kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo zinenjongo yokulungisa kwakhona iziphumo ezonakalisayo zokungatshongo khona kwezentlalo njengoko zinegalelo kuphuhliso lolutsha kwanokusebenzela ubunye bephondo. Zone zizonke ezi nkqubo zethu zisebenzisana ngokupheleleyo ukukhawulezisa umanyano, ithemba, uxolelaniso, intlonipho, ukuzingca kwanokubhiyozela iyantlukwano kwangaxeshanye kudalwe umoya wemvisiswano phakathi kubo bonke abo babiza iNtshona Koloni ikhaya labo.

INkqubo 1: Ezolawulo

Somlomo, kunyaka-mali wama-2017/18, iNkqubo 1: Ezolawulo zabelwe izigidi ezingama-R63 304 000 (ama-R63 ezigidi namawaka eeRandi angama-304). Olu lwabiwo lunika ithuba isebe lokufumana ukugqwesa kwinkonzo ngophuculo oluqhubelekayo lweenkqubo zolawulo lwemali. Olu lwabiwo luya kuqinisekisa inkxaso kuzo zonke ezinye iinkqubo kwanokubanika ithuba lokuphucula ukwenzelwa iinkonzo kwabo bonke abantu baseNtshona Koloni. Izigidi ezingama-R30 901 000 (ngama-30 ezigidi nama-901 amawaka eeRandi) ezikhutshiweyo ziya kubonelela ngenkonzo yokunika inkxaso yemali ngokupheleleyo isiya kwisebe kuqukwa neenkonzo zolawulo lwemali eziya kumaziko karhulumente ama-3 anika ingxelo kwi-

ofisi yam: iKomishoni yeNkcubeko yaseNtshona Koloni, iKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni neNkcubeko eyiMvelaphi yethu, zonke ezi zinto zifumane ukumelwa kwigalari namhlanje.

Somlomo, ndithatha eli thuba ukwazisa amagosa eSebe lethu abalapha namhlanje, phantsi kobunkokeli beNtloko yeSebe lethu, uMnu Brent Walters. Ndiyanibulela nonke ngomoya obonisa uqeqeshelo-msebenzi ngendlela ophembelela ngayo abahlali baseNtshona Koloni oko ukwenza ngeMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngenkathalo, ubuchule, uxanduva lokuphendula ngento oyenzayo, ukuza nezinto ezintsha nokuphendula ngenkuthalo.

Somlomo, ndamkela kwakhona uMlawuli oyiNtloko osandula ukuqeshwa weMicimbi yeNkcubeko, uMnu Guy Redman noMlawuli weeNkonzo zeeLayibrari, uNks Cecilia Sani kwisebe. Ndiyathemb ukuba ngokubambisana siya kuqhubeka nokukhuthaza ngokukhutheleyo, ukuphuhlisa nokuzisa iinguqu kwezenkcubeko eNtshona Koloni.

INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko

Somlomo, isabelo sohlahlo lwabiwo-mali seNkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko yehlile kunyaka-mali wama-2017/18 ngezigidi ezi-R4.116 nekungokunje ime kwizigidi ezi-R106 145 000. Ngaphandle kobuncinane beemali nemithombo, siya kunika iinkonzo zobugcisa, ezenkcubeko, imyuziyam, inkcubeko eyimvelaphi yethu kwaneenkonzo ezinxulumene neelwimi kubemi baseNtshona Koloni.

Ngexesha kanye apho sijamelene nomoya woqhankqalazo, iiyantlukwano zenkcubeko kwaneendaba ezingancumisiyo, ukukhuthazwa kwemicimbi yenkcubeko yethu eyahlukeneyo kuya kuba sisixhobo sokunika inkxaso ukufaka ukuqondana nokuhlonitshwa kwanokuhlonipha iimvelaphi zethu ezizodwa.

Iimvelaphi ezahlukeneyo ngokwezentlalo yethu, izinto esikholelwa kuzo, izithethe, iilwimi zeenkobe kunye neemeko zezentlalo noqoqosho ziimpawu ezibalulekileyo ezisenza ukuba sifane sodwa yaye sinyanisekile. Ukuba ngoobani kwethu kuneentsingiselo ezahlukeneyo kubantu abahlukeneyo, kodwa njengabantu, kuninzi esifana ngako okusenza simanyane. Somlomo, unyamezelwano malube yeyona ntsika inexabiso olusimanyayo kwananjengokuba wakhe watsho enyanisile uNelson Mandela ukuba, "*Our rich and varied cultural heritage has a profound power to*

help build our nation" ("Inkcubeko elilifa lethu etyebileyo neyahlukeneyo inamandla kakhulu okunceda ekwakheni isizwe sethu". Somlomo, sigunyaziswe ngabo basivoteleyo ukuba masibe ngumzekelo wentshayelelo yoMgqo-siseko wethu osoloko usikhumbuza oku, "*Heal the divisions of the past and establish a society based on democratic values, social justice and fundamental human rights; Lay the foundations for a democratic and open society in which government is based on the will of the people and every citizen is equally protected by law; Improve the quality of life of all citizens and free the potential of each person; and Build a united and democratic South Africa able to take its rightful place as a sovereign state in the family of nations*". ("Masingcibe iiyantlukwano zexesha elidlulileyo sakhe uluntu olusekelwe kwiimfundiso zedemokhrasi, zobulungisa kwezentlalo kunye namalungelo oluntu asisiseko; Sakhe iziseko zoluntu olulawulwa ngedemokhrasi noluphangaleleyo apho urhulumente asekelwe kwintando yesininzi sabantu yaye wonke ummi ukhuselwe ngokulinganayo ngumthetho; Kuphuculwe umgangatho wentlalo yabo bonke abemi kwanokubonakalisa amandla umntu ngamnye anawo; kunye Nokwakha uMzantsi Afrika omanyeneyo nolawulwa ngedemokhrasi onako ukuthatha indawo yawo efanelekileyo njengombuso onobunganga bokuzimela kwindibanisela yezizwe ngezizwe". Somlomo, iSebe leMicimbi yeNkcubeko enyanisweni lidlala loo ndima ibalulekileyo ekufezekiseni esi sigunyaziso.

EzoBugcisa neNkcubeko

Somlomo, ngowama-2016, kungakhathaliseki nokuba kukho ukwahlukana ngokobuhlanga, iimvelaphi ngokwenkcubeko, iilwimi ubani akwaziyo ukuzithetha kunye nomgangatho ubani akuwo ngokwasentlalweni, amaqela olutsha aye abonakalisa italente yawo kwidrama kwiphondo liphela yaye abelana ngemiyalezo enamandla kakhulu kwiiholo ezizele kakhulu ngabaphulaphuli. Kwaye kwaqhubeka iminyhadala yedrama yeSebe kwisithili ngasinye seli phondo baza abo baphumeleleyo banikwa ithuba lokudlala-bulinganisa kumnyhadala iZabalaza Festival e*Baxter Theatre Centre*, e-*Suidoosterfees*, e-*Artscape* nase*KKNK* e-*Oudtshoorn*, phakathi kwamanye amaqonga. Esona siphumo sibaluleke kakhulu seminyhadala yedrama kumhla abo babephumelele kwi*Tri-district Drama Festival:* uRobyn September waseHeidelberg, owayeneminyaka eli-19 ngelo xesha, uLlewellyn Bond osuka eSedgefield, owayeneminyaka eli-15 kunye noWilliam Michaels, kwakhona wayesuka eHeidelberg, eneminyaka engama-27 ubudala

owayengumdlali ophambili kwisiqendu somdlalo olandelelanayo othandwa kakhulu kwiMidlalo yeDrama eLandelelanayo yaseMzantsi Afrika, i-*Suidooster*.

Mna ubuqu, ndakhapha abathathu ababephumelele xa babesiya kwii-*Atlantic studios* ngomhla ababesenza ifilim yabo ngawo. Uchulumanco lwabo olungathethekiyo nenkxalabo, ezo zinto zazingabalulekanga xa kuthelekiswa novakalelo lwabo lwempumelelo nokungakwazi ukulinda ukude bafika ekhaya ukuyokwabelana ngamava abo nabahlobo kunye neentsapho zabo. Okulandelayo zizinto ababezithetha bona emva kokuba begqibile ukwenza ifilim ngosuku olo: uLlewellyn wathi xa ndimcaphula, "*Drama changed my whole life and put my struggles behind me*"; uRobyn wathi, "*It is tough to practise for long hours but when you enjoy it you don't call it work. Meeting the real actors on the set makes you feel valuable and special*" yena uWilliam wathi, "*These opportunities opened big doors for me. I auditioned and performed in 7de Laan, Villa Rosa* and *Liefste Kayla* before I met the close-knit family of *Suidooster*. I auditioned and performed in *7de Laan*, *Villa Rosa* and *Liefste Kayla* before I met the close-knit family of *Suidooster*. I became a role model in my community and they call me a pillar for the youth". Somlomo, le yindlela esiwuqhuba ngayo umsebenzi weSebe lethu. Sityala imali kuphuhliso lolutsha lwethu, sidale amathuba okuphucula umgangatho wabo wokuphila yaye siqaphele kubo abazizibane zethemba nenkuthazo yaye oko kuchaphazela inguqu yenene kwiindawo zabo zasekuhlaleni. Ukucacisa ngaphezulu ngexabiso elinempembelelo lolu tyalo-mali, ekuqaleni kwalo nyaka, uRobyn uqale unyaka wakhe wokuqala kwiDrama eYunivesithi yaseStellenbosch, uLlewellyn ngoku ukwiBakala 11 e-*George High School* yaye uyaqhubeka ukudlala-bulinganisa kumaqonga ahlukeneyo. Kutshanje kakhulu, ubedlala-bulinganisa e-*Afsnypunt* kumnyhadala i-*Zabalaza Theatre Festival* kwiveki ephelileyo. UWilliam ngoku uqeshwe yi-*Uthando For Theatre*, iqela lethiyetha yasekuhlaleni eseMalmesbury yaye uyaqhubeka ukuxhasa ukuba ulutsha luthathe inxaxheba kwiDrama, kuMculo nakuMdaniso eHeidelberg ngokuqhuba iindibano zocweyo nokwenza imiboniso yasesidlangalaleni.

Ndibulela uFahiem Stellenboom, uMphathi ojongene nezokuMaketha eBaxter Theatre kunye noThambi Mbongo, onguMlawuli kwezoBugcisa kumnyhadala i-*Zabalaza Festival*, ngenkxaso ethe rhoqo kwiimbalasane ezisakhulayo kwiindawo zasekuhlaleni kwethu kwiphondo liphela. Ndikwabulela u*Marlene Le Roux*, i-*CEO*

yase-*Artscape*, ngenxa yokuba ngumkhuthazi wokunatyiswa kwezoBugcisa kwanokuvulela indawo yokuyila ngengqondo nekunokuthi ngayo uninzi lwabantu bethu lukwazi ukufanekisa impilo yabo neboniswa kubugcisa.

ISebe liya kuthi kwakhona lingene kubuhlakani ne-*Artscape* kwi-*Rural Outreach Programme* yabo kulo nyaka. Iprojekthi yarhoqo ngonyaka i-*Rural Outreach Project* ngoku ekunyaka wayo we-10, ifikelela kuma-2000 abantu abatsha qho ngonyaka ngee-*Schools Programme*. Abantu abadala abangazange balibone iqonga abadlali bedlala-bulinganisa phambi kwabo baziswa ngeentlobo ezahlukeneyo zoko kumaqonga wabo asekuhlaleni. I-*Rural Outreach Programme* idibanisa amacandelo ahlukeneyo engoma, edlala iintambula, umdaniso webhaleyi, i-opera, umdaniso kunye neekwayara. Ukubandakanyeka kwabantu bonke ngowona mba ubalulekileyo ngentsebenziswano nemibutho yobugcisa, amagcisa aqeqeshiweyo neekhampani zobugcisa ezisakhulayo ezinjenge-*Unmute Dance Company* enobungcaphephe kwi-"*Mixibility*" – ukuhlanganisa amagcisa anokhubazeko kwakunye namagcisa angenalukhubazeko ngokwasemzimbeni. I-*Schools Programme* yazisa abafundi bezikolo eziziiprayimari ngeentlobo ezahlukeneyo zobugcisa lo gama abafundi abaselula befumana ithuba lokubonisa ngeetalente zabo ezizodwa. Abafundi bezikolo eziphakamileyo bayinxenye yomboniso ngezemisebenzi i-*career expo* ebanika ingcamango ngokuqhubeka ekhusini ukususela kubugcisa nezolawulo.

Somlomo, ngowama-2017/18, iSebe liya kusungula intsebenziswano entsha lenze neenkqubo ukuya kufikelela kumanqanaba amatsha okugqwesa. Oku makufezekiswe ngenkxaso yeSebe kumacandelo ee-*NGO* nee-*NPO* zoBugcisa neNkcubeko ngokusebenzisa i-*Annual Funding programme*. Oku kuquka ukuxhaswa ngemali kophuhliso lwezakhono, imiboniso, kunye namathuba okufumana uqeqesho kwizakhono zobugcisa nolawulo lweziganeko. Isixa esigqithileyo kwizigidi ezili-R13 000 000 (izigidi ezili-R13 zeeRandi) sezabelwe ukuncedisa eli candelo enyakeni. Kusekwe ubuhlakani obunenkqubela neminye yemibutho exhaswa ngemali njengee-arhente ezisingethe ukwenziwa komsebenzi kwi-*EPWP Programme* ngaphakathi kwiSebe. Oku kunika ulutsha ithuba lokufumana amava omsebenzi ngaphakathi kwezobugcisa.

Enye yee-*NPO* efumana inkxaso yileyo yase*Cape Town Opera*. Isekwe ngowe-1999, i*Cape Town Opera* liqumrhu i-*section 21 NPO and Public benefit organisation*

elikwinqanaba 1 yereyithingi ye-*BBBEE*. Somlomo, i-*Cape Town Opera* inike i-1410 yabafundi abasuka kwizikolo zaseNtshona Koloni ithuba lokuthatha inxaxheba kwi-*opera is My First Language*, neyinkqubo yarhoqo ngeveki yokufunda ngezomculo nefundiswa kwiziko elo kwizikolo ezi-5 nakumaziko oluntu ase*Retreat*, *Vredenburg*, eNyanga naseKhayelitsha. Qho ngeveki kufundiswa izakhono zokudlala ikhibhodi kunye neeklasi zethiyori yomculo ukulungiselela ababhexeshi beekwayala bengingqi leyo yasekuhlaleni. Bakwakhupha namatikiti asimahla okuya kwiindawo zabahlali abasebekhulile abasuka kwa-CPOA/kwa-Communicare unyaka wonke. I-*Cape Town Opera* kwakhona ingene kubuhlakani ne-Jazzhands ukunika utoliko lolwimi lwezandla kwanenkcazo eviwayo elungiselelwe abaphulaphuli abanokhubazeko lokuva nokubona e-*Opera productions*.

Somlomo, ukugxininisa kwakhona uBugcisa budala amathuba ezoqoqosho bukwadala nemisebenzi, kungaphelelwe nje kuphela ekulungiseleleni abo basenokuba ngamagcisa ngomso, koko nakwamanye amacandelo ngokunjalo. Umsebenzi owenziwa e-*Cape Town Opera* udala ushishino loonokhontrakhi abazimeleyo kwakunye namanye amashishini aziintlobo ngeentlobo, bonke bahlala eNtshona Koloni. Ukwenza i-*Opera*, bakha indawo yemiboniso, iiprophu neekhostyum. Basindleka amagcisa asuka kwilizwe liphela nakumanye amazwe kwihlabathi jikelele, bangene kwiikhontrakhi neemvumi zalapha ekuhlaleni, bekwaqesha neendawo zendibano ukwenzela iimvavanyo zoqhelaniso-lizwi kwanokuqesha abaqeqeshi ukuba baqeqeshe abo benza utoliko lolwimi lwezandla. La manani alandelayo abonisa ingeniso eyenziweyo ngoosomashishini balapha ekuhlaleni:

- Zizigidi ezi-R4.1 zababoneleli-nkonzo bokwenziwa nokwakhiwa kwamaqonga emiboniso
- Zizigidi ezi-R2.9 zababoneleli-nkonzo bokwenziwa kweekhostyum nemichako yamalaphu ee-*wholesalers*
- Sisigidi esi-R1.8 sezindlu zokulala iindwendwe
- Zizigidi ezi-R2.8 million zabaqeqeshi bezomculo nabalawuli
- Ngamakhulu angama-R620 000 eehambo ngezithuthi kunye
- Namakhulu angama-R506 000 okuqesha indawo nezixhobo zokusebenza.

Ngowama-2016/17 i-*Cape Town Opera* yanika imisebenzi eyahlukeneyo kwiimvumi, kumagcisa (*technicians*), kwiimvumi eNtshona Koloni. Intlawulo eyakhutshelwa abahlali abasuka kwezi ndawo zilandelyo iyonke:

- Ngama-R360 923 e-Bonteheuwel nakwaLanga
- Ngama-R985 482 eMitchell's Plain
- Sisigidi esi-R1.8 eKhayelitsha
- Sisigidi esi-R1.4 ePinelands
- Ize ibe ngama-R849 470 eStellenbosch.

Somlomo, kucace gca ukuba ngezigidi ezingama-R32 409 000 ezazabelwe ezoBugcisa neNkcubeko, siya kuqhubeka ukuphucula ukuzixabisa kolutsha lwethu nokuqwalasela kubo iitalente ebekunokwenzeka ngenye indlela bangakwazi ukuzihlola, lo gama sidala amathuba ezoqoqosho ngokusebenzisa ubugcisa. Sikhuthaza uthando lokufunda, ezembali, inkcubeko, ilifa eliyimvelaphi yethu kunye nobugcisa bona buphucula umgangatho weziphumo zemfundo, hayi nje kuphela kulutsha koko nakwiphondo lethu liphela. Kulo nyaka kwakhona siya kuzibona sivula amajelo onxibelelwano ukwenzela ukuba bonke abantu abakwiphondo lethu babe nako ukufumana iinkonzo kungakhathaliseki nokuba zeziphi na iilwimi zeenkobe abazithethayo, kuba sikhuthaza idemokhrasi yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngokuphakamisa ukuxabiseka kwazo zonke zizo-3 iilwimi zaseburhulumenteni.

UMnyhadala weeKwayala, owawuqaliswe e-*Cape Winelands* kunyaka ophelileyo, uya kuqhubeka eMossel Bay kwinyanga ezayo. ISebe liya kusindleka lo mnyhadala ulindelwe kangaka kwisithili i-*Central Karoo*.

IiNkonzo zoLondolozo lweMbali

Somlomo, iinkonzo zeeMyuziyam ziya kufumana izigidi ezingama-R57.624 kuhlahlo lwabiwo-mali lwesebe luka-2017/18. Iimyuziyam ngokubanzi ziqesha inani elincinane labantu kodwa nakuba kunjalo bemi njengesango lokungena kuqoqosho lwezokhenketho kuninzi lweedolophana ezincinane. Ukwandisa ezokhenketho kungathi ke ngoko kuphucule iimeko zentlalo nezoqoqosho. Ukufikelela kwiimyuziyam ngabo babesaya kuvinjwa amathuba ngaphambili kukwabalulekile ekuphumezeni umbono wentlalo ebandakanya lonke uluntu. Ngenxa yezi njongo zichaziweyo, okwenziwa ziimyuziyam kubaluleke gqitha. INkonzo yeeMyuziyam iya kuqhubeka ngoko ke nenkqubo yayo yenguqu ngokuhlaziya ngokutsha izinto

ezixhonywayo ukubonisa kwanokuthetha-thethana nabahlali abazibandakanya neemyuziyam ezithile. Inkxaso yeenkqubo zeemyuziyam ezijoliswe kubahlali eziqhubeka kwiimyuziyam nomsebenzi wokufikelela kubo iya kwenziwa kakhulu ngowama-2017/18.

Inkqubo yothetha-thethwano ngenjongo yokulungiselela ukutshintsha iMyuziyam yaseWorcester seyiqalisiwe. Umboniso omtsha ohamba-hambayo uya kuphawula isikhumbuzo sama-50 eminyaka oqhaqho fakelo-ntliziyo ngowe-03 kweyoMnga 2017. Umboniso okwikhaya likaChris Barnard lasebuntwaneni bakhe eBeaufort West Museum liya kuphuculwa ngokunjalo. EyoMdumba iphawula iminyaka elikhulu yokuzika kwenqanawa i-SS Mendi. Kuya kwenziwa umboniso ohamba-hambayo noya kuthi ujikeleziswe kwiimyuziyam ezikwiPhondo ukukhumbula amadoda angamagorha aphulukana nobomi bawo.

Somlomo, kweyoMnga 2015, sasungula iphulo lethu i-*Oral History Initiative* eHawston. Injongo yale projekthi kukubhala phantsi ezembali zomlomo zabahlali baseNtshona Koloni ukwenzela izizukulwana ezizayo zibe nako ukubhiyozela ilifa eliyimvelaphi yabo.

Ubuninzi bembali yoluntu lwethu lwasekuhlaleni igcinwe kuphela ezingqondweni zababalisi-mabali babo. Ukuze sibe nako ukuqonda ngenene okwadlulayo oko sikwenza ngengqiqo efana yodwa, kubalulekile ukuqhuba inkqubo esesikweni yokuchola-chola amabali anexabiso afihlakele kwi-*tapestry* yezentlalo.

Ukuza kuthi ga ngoku, eli Phulo seliqaliswe eHawston, Piketberg, Gouda, Bonteheuwel, Beaufort West, George nase-Hangberg. Kulo nyaka-mali uzayo, abahlali bakamasipala waseLaingsburg, Vredendal naseKannaland baya kuba nako kwakhona ukutyelela amathala abo ngenjongo yokwabelana ngeeMbali zoMlomo zabo ezirekhodwayo. Ngokusebenzisa le projekthi, iimbali zabantu namava abahlali aba lilifa eliyimvelaphi yethu ekwabelwana ngayo amathala wona abe ngamaziko okudibana kwabantu, kwakhona, kukhuthazwa ubandakanyeko lwabantu ngabantu nophuhliso lwabahlali ngokwabelana nokufumana ulwazi. Ubungqina bomlomo oburekhodwe kwividiyo buyafumaneka kumathala athatha inxaxheba nakwii-Akhayivu zePhondo.

Inkxaso enikwa iimyuziyam ezibandakanyekayo iya kuqhubeka ngohlobo lokuxhasa ngemali, ukwazisa nokukhuthaza, imfundo noqeqesho, uphuhliso lwemiboniso,

umsebenzi wolondolozo lwendalo, ukusekondwa kwabasebenzi, ngokwabelana ngamava nokufumana ingcebiso. Apho izibonelelo zivumayo, iinkonzo ziya kunatyiselwa kwiimyuziyam ezingabandakanyekiyo ngokunjalo. INkonzo yeMyuziyam iya kuqhubeka ukufaka igalelo ekudaleni imisebenzi ngokusebenzisa i-Nkqubo yokuNatyiswa kweMisebenzi kaRhulumente i-*Extended Expanded Public Works Programme*. Ngoku, kuvuleleke amathuba ali-166 kwiimyuziyam.

EzeLifa leMveli

Somlomo, unyaka-mali wama-2017/18, i-*Heritage Resource Services* ziya kufumana izigidi ezisi-R8 097 000.

Ibhunga elitsha i-*Council of the Provincial Heritage Resources Authority of the Province*, i-*Heritage Western Cape*, inyulwe ngowe-01 kweyoMnga 2016 ithuba leminyaka emithathu.

Kulindeleke ukuba eli Bhunga litsha neekomiti zalo zelifa eliyimvelaphi yethu ezichaphazelekayo, ziya kuqhubeka ukuphumeza isigunyaziso i-HWC enaso sokuqaphela, ukukhusela, ukulawula nokwandisa imithombo yelifa eyimvelaphi yethu ebalulekileyo yePhondo, oko kusenziwa ngempumelelo njengokuba yaye yenza njalo kwixesha elidlulileyo. Ibhunga i-*Council of Heritage Western Cape* kutshanje liqinisekise ngokubhengezwa kweeNdawo ezimbini zePhondo zeLifa eliyiMvelaphi Yethu. Ezi ndawo yi-Blomboschfontein Nature Reserve eRiversdale, kwiSithili i-Hessequa, kunye ne-Old Granary Complex eKapa. Kuye kwakho iinzame ezithe rhoqo ngokubhekiselele kwi-*HWC* ukuqinisekisa ukuba abahlali ababekade bevinjwe amathuba ngaphambili bayabandakanyeka kwinkqubo yolawulo lwemithombo ebalulekileyo yelifa eliyimvelaphi yethu yaye ngokuphathelele koku eli bhunga libhala umgaqo-nkqubo ongowokuthatha inxaxheba koluntu ukuqinisekisa malunga neyona ndlela ingcono yokuwuqalisa.

Kwakhona, ndinyule ikomiti entsha i-*Western Cape Provincial Geographical Names Committee* ukuba ibe sesikhundleni iminyaka emithathu ukususela kowe-01 eyeKhala 2016. Amagama ngokwejografi amele ithuba lokunika ingqalelo imiba yexesha eladlulayo lethu eyayikade ingathathelwe ngqalelo kwixesha elidlulileyo. Ngowe-17 kweyeSilimela 2016, i-Rockview Dam ekufutshane naseGrabouw litshintshiwe igama layo yayiDorha Dam ukunika imbeko kwinkosi yamaChainouqua

eyayihlala e-Houwhoek kwingingqi yaseGrabouw. Ukuthiya igama kwakhona kunika ithuba abemi lokuba babhiyozele ilifa eliyimvelaphi yabo. Ngenxa yesicelo soluntu lwasekuhlaleni ngowe-10 kweyeDwarha 2016, amagama kwimimandla yoo-*Schotschenkloof*, *Stadzicht* kunye no-Schoone Kloof eKapa yatshintshwa ngokwaseburhulumenteni yayiBo-Kaap, njengokuba lo mmandla wawusoloko uqheleke ukubizwa njalo kangangamashumi alishumi eminyaka.

Somlomo, amagama eJografi athathwa ngabantu abaninzi njengokunika uvakalelo lokuba yinxalenye yommandla wehlomela ledolophu (*suburb*), idolophu okanye isixeko apho bahlala khona. Owona mba udala uvakalelo olushushu kakhulu kwiingxoxo ezijikeleze inguqu eqhubekayo kwilifa eliyimvelaphi yethu elingokuma komhlaba eMzantsi Afrika ziinguqu, okanye izinto ezinokuba ziinguqu, kumagama ejografi akhoyo ngoku.

Kukho ngaphezu kwama-12 000 amagama ejografi kwiphondo leNtshona Koloni.

Iindawo zinikwe amagama zizizukulwana ngezizukulwana ngokulandelelanayo zabemi kwisithuba seminyaka engamawaka edlulileyo. Uninzi lwamagama emveli aneempawu zejografi ngokobume bomhlaba wethu aye agcinwa, umzekelo, i-Attaqua's Pass nee-Outeniqua Mountains. Amanye aguqulelwe kwiilwimi zamasetlane ayesuka eYurophu. Umzekelo, amagama athile eKhoikhoi aguqulelwa kwisiPhuthukezi, kwisiDatshi nakwisiNgesi kamva, aze athi, ekugqibeleni, aguqulelwa kwisiAfrikansi okanye kwisiXhosa. Iindawo ezininzi ezazinamagama emveli zanikwa amagama amatsha. I-*Table Mountain*, i-*Tafelberg* kunye ne-*tabula monsa*, eligama lesiLatini lika-*Table Mountain* (iNtaba yeTafile), lalisaziwa ngamaKhoi njengo-*Hoerikwagga*, othetha intaba eselwandle. Iindawo ezininzi ngaphezulu neempawu zejografi ziye zanikwa amagama kwithuba leminyaka engama-500 eyadlulayo abonisa iintlobo ngeentlobo zeemfuno, iimfundiso kunye neengcamango.

Ukubeka emgangathweni oqingqiweyo nokungqinisiswa kwamagama ejografi angama-12 000 eNtshona Koloni kuqhuba kakuhle. Le nkqubo iquka ukwenza uphando ngemvelaphi ngokwezembali kwegama ngalinye, kubhalwe ingcaciso leyo, yaye kulungiswe upelo lwamagama ejografi apho kuyimfuneko khona. Umzekelo, kwaqhutywa uphando malunga negama lenyoba esentabeni phakathi kweBarrydale neSwellendam ukuqinisekisa ukuba kunikwa igama elichanekileyo.

Igama elivunyiweyo ngoku ngu-*Tradouw Pass*, obhekiselela kwigama lezembali lesiKhoi elithetha "inyoba yababhinqileyo".

Xa kwakusekwa oomasipala abatsha ekuqaleni kwenkulungwane yama-21 njengenxalenye yenkqubo yolawulo lwedemokhrasi elizweni, abanye oomasipala eNtshona Koloni baseNtshona Koloni bafumana amagama abonisa ilifa eliyimvelaphi yethu yamaKhoi. Cingani ngoomasipala abanjengoo-*Bitou*, *Hessequa* no*Matzikamma*.

Ngowama-21 kweyoKwindla 2017, njengoko sasibhiyozela uSuku lwaMalungelo oLuntu, siye saqalisa i-*Khoekhoe Geographical Names brochure* njengengcaciso ephathelele kwinkqubela eyenziweyo nemitsi ebalulekileyo eyenziwe liSebe leMicimbi neMidlalo ekutshintsheni ilifa eliyimvelaphi yethu kwezobume bomhlaba eNtshona Koloni ukwenzela ukuba liquke abantu ngabantu ngaphezulu bonke abo abo balibiza eli phondo njengekhaya.

ENtshona Koloni maninzi amagama ngezejografi asuka kwilifa eliyimvelaphi yethu yamaKhoekhoe. La magama amele imiba ethile yembali yephondo lethu ekufuneka ukuba igcinwe yaye ithakazelelwe kwizizukulwana ngezizukulwana zexesha elizayo. Le brosha, ekwii-*packs* zenu, iphakamisa amagama eendawo ezithile kweli phondo asuka kwilifa lemvelaphi yethu yamaKhoekhoe nanto leyo ibubungqina obubonakalayo bokuba uRhulumente weNtshona Koloni uyalihlonipha ilifa eliyimvelaphi yethu ekwabelwana ngayo liphondo kwakunye nezithethe zalo ezahlukeneyo. Elinye lamagama ejografi akwibrosha lelo lika-*Knysna*. Lithathwe kwigama lesiKhoekhoe / u-*naizna*, nothetha "*ferns*" (umfisi/ iifeni). U-*Knysna* ligama lomlambo, ichibi lechweba (*lagoon*) kunye nedolophu emi kwi-*Knysna River*. Lo mmandla wathiywa ngomhlaba ochumileyo zii-*ferns* (imifisi/ iifeni).

liNkonzo zeeLwimi neKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni

Somlomo, ndinebhongo ukwazisa ukuba ngo-2015/16, uMgaqo ongokuZiphatha weeLwimi osekelwe kuMgaqo-nkqubo wezeeLwimi eNtshona Koloni owaye wenziwa liSebe waza wamkelwa ngaBaphathi aBakhulu bePhondo ukuba mawuqaliswe kuwo onke amasebe ephondo. Kwaye kwanikwa onke amasebe ephondo iikopi ezifreyinyishiweyo zikwiilwimi zontathu zaseburhulumenteni. Eli Sebe kwakhona

lincedise i-*Elsenburg Agricultural Training College* ngokubhalwa koMgaqo-nkqubo weeLwimi owamkeleke kubo bonke abasebenzi nabafundi.

Ngosuku i-*International Translation Day* yowama-30 kweyoMsintsi 2015 kwapapashwa kwaza kwamiselwa *'A Government Specific Trilingual Terminology'*. Le ncwadana yingqokelela yesigama saloo magama axhaphakileyo ukusetyenziswa kuzo zontathu iilwimi zaseburhulumenteni zaseNtshona Koloni yaye sikwafumaneka nakwi-intanethi. Sona sixhasa ukusetyenziswa ngokufanayo kwesigama ziingcali zeelwimi ezibonelela ngeenkonzo kurhulumente wephondo.

Ngowama-2015 kwaye kwamiselwa incwadi ye-*chess* yesiXhosa ngentsebenziswano noWatu Kobese. Bebambisene neSebe lethu, uMr Kobese waye wenza isigama sesiXhosa sezijungqana ze-*chess*, indlela edlalwa ngayo kwakunye nomdlalo uphela.

Neyiyeyokuqala kuhlobo lwayo incwadi ye-*chess* yesiXhosa esasazwe kwiphondo yaye yenza kwalula kubafundi ukudlala ngobuchule umdlalo we-*chess*. Somlomo, kunyaka-mali wama-2017/18, siya kumisela incwadana IsiXhosa Cricket booklet, neya kuthi enyanisweni iqinisekise ukuba iNtshona Koloni likhaya elinenkathalo ngokuthi likhuthaze uluntu olusebenzisa iilwimi ezininzi. Abantwana ngoku baya kuba nako ukufunda ngalo mdlalo ngolwimi lwabo lweenkobe lesiXhosa yaye ngaloo ndlela sikhuthaza ukugqwesa nokuquka abantu ngabantu kwezemidlalo. Somlomo, incwadi yesiXhosa yesoka, yomdlalo wamanqindi nezembaleki iza kulandela kungekudala.

Somlomo, baninzi kakhulu abantu abakusingela phantsi ukubaluleka kokuzinika isithuba sokuziphucula kulwimi lwakho lweenkobe. Ngosuku i-*International Mother Language Day*, olubhiyozelwa qho ngonyaka ngowama-21 kweyoMdumba, iSebe lafumana iincwadana ezibhalwe ngeelwimi ezininzi enika iingcebiso ngeendlela zokufuna umsebenzi ezapapashwa liqumrhu i-*Die Stigting vir Bemagtiging deur Afrikaans* (*SBA*). Esi sikhokelo esingena lula epokothweni, siyafumaneka kuzo zonke zizontathu iilwimi zethu zaseburhulumenteni iya kuxhobisa abakhangela umsebenzi njengoko isisikhokelo ngokubanzi esinezihloko ezibalulekileyo ezinjengokubhala isivi (ikharityhulam vitheyi) neleta ekhaphayo kwanokukwazi ukuthubeleza kwiveki yakho yokuqala uqalile kumsebenzi wakho omtsha. Olu nikezelo enyanisweni labonisa ngenene ukuba ngobuhlakani bokufuna ukuzisa izinto ezintsha, sizimisele ukudala

imeko ekhuthaza ukukhula, apho bonke abantu banendlela elinganayo ukufikelela kumathuba. Mandithathe eli thuba ndibulele uGqr. Niel Le Roux, oyiNtloko ye-*SBA* nokwaliLungu leKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni, ngokusasaza le ncwadana kwintlanganiso yeKomiti kunyaka ophelileyo nangokuvakalisa ukulithemba ngokupheleleyo iSebe njengokhala wosetyenziso lweelwimi ezininzi kwanamaziko ekufumaneka kuwo ulwazi kwiphondo. Uya kuvuya ukwazi ukuba sesiqalile ukusasaza ezi zikhokelo kumathala, kwii-akhayivu nakwiimyuziyam ezikwiphondo liphela.

Kunyaka ophelileyo kwagqitywa inkqubo eyayinde kakhulu yothetha-thethwano ngomgaqo-sikhokelo i-*South African Sign Language Framework* yaye iya kuthi xa ithe yavunywa isasazwe njengesikhokelo kwanento yokubhekiselela kwinjongo yokuphucula ukwenziwa kwenkonzo kuluntu olungevayo ngeendlebe oluhlala kweli Phondo. Ndiyamamkela uMichelle Lombard noBeryl Petersen, itoliki yethu yolwimi lwezandla kunye noJabar Mohamed osuka kwi-DEAFSA kule Ndlu namhlanje yaye siyababulela ngegalelo labo elibalulekileyo lokwenza iNtshona Koloni ibe yindawo yoluntu oluvulelekileyo ekufumaneni amathuba omntu wonke.

Eli Sebe liya kuqhubeka nokuququzelela iintlanganiso zeForam yeeLwimi zePhondo leNtshona Koloni. Lo mbutho unamalungu aziingcali zeelwimi ezidibana amaxesha amane ngonyaka ukunika inkxaso kuphuhliso lwesigama yaye uyasebenza kwiinzame zokuhlaziya ngokutsha nokufakela ingcaciso entsha kwimigaqo ekhoyo yobhalo lwesiXhosa.

Somlomo, ngezigidi ezi-R5 103 000 (izigidi ezi-5 namawaka ama-3 eeRandi) ezaye zabelwa iiNkonzo zeeLwimi zeSebe siya kuqhubeka ukunika inkxaso yeenkonzo zeelwimi kuzo zonke zizontathu iilwimi zaseburhulumenteni zaseNtshona Koloni kuwo onke amasebe karhulumente wephondo kwanokunika iinkonzo zokutolilka apho kunako, kuqukwa nokutolika ngeeLwimi lweZandla lwaseMzantsi Afrika.

Ixesha lolwaluko ngowama-2016/17

Somlomo, xa sijonga emva phambili phaya kowe-2014, iNtshona Koloni iye yalelinye lamaphondo akhokelayo ukujongana nomba wolwaluko elizweni. Ukuza kuthi ga ngoku isekukuphela kwephondo elibhale umgaqo-sikhokelo wokulawula isiko lolwaluko elenziwa ngabahlali. Njengomthathi-nxaxheba okhokelayo, iSebe lethu lidlala indima yokuququzelela ukuphumeza injongo yokudala imeko ekhuselekileyo

nenenkathalo kwabo basesuthwini. Ixesha lasebusika lolwaluko lwango-2016/17 lafikelela esiphelweni ngaphandle kwesiganeko sakusweleka kwamkhwetha. Nakuba kunjalo, ixesha lasehlotyeni ladlula nemiphefumlo yaba-5, aba-4 babo ayaziwa intsusa ngenxa yokusilela kwenkqubo yeengxelo zenzululwazi ngetyhefu (*toxicology*) esinye sazo sabangelwa kukurhaxwa. Ndivakalisa amazwi ovelwano kusapho, abahlobo kunye nabo babathandayo babo baphulukene nobomi babo. Ngenxa yeli shwangusha lokuphulukana kwabantu nobomi, iSebe liza kubamba ingqungquthela malunga nemingeni eye yavela kweli Phondo kutshanje. Le ngqungquthela iya kunika abemi beli Phondo abenza eli siko iqonga lokuxoxa ngemingeni emitsha, kwabelwane ngamava enkqubo esebenza kakuhle kwanokucinga icebo lokwenziwa kwale nkqubo ngendlela ephuculiweyo ukuya phambili. Somlomo, ulwaluko luyinto entsonkothe kakhulu yaye lufuna ukuphathwa ngendlela enobuntununtunu nentlonipho. Kulo nyaka, siya kuqhubela phambili ngephulo elidibeneyo kunye neSixeko saseKapa ukuphucula indawo ekuqhutyelwa kuyo ulwaluko eNyanga Junction ibe ngumzekelo okumgangatho ophezulu elizweni. Kuya kuqhubeka kwakhona uqeqesho nophuhliso lweengcibi namakhankatha kulo nyaka. Iingcibi namakhankatha bayakhuthazwa ukuba basebenzise uncedo lokuqala, ezolawulo lomlilo nendalo kwakunye noqeqesho lokuphuhlisa izakhono. Le nkxaso inikelwa ukwandisa impilo qete kwanokuphucula kakhulu ezokhuseleko ukuqinisekisa ukuba isiko nenkqubo yolwaluko yokutshintshela kubuntu obukhulu iyileyo ibonisa ukuba kwenziwa ngempumelelo ukutshintsha ukusuka ebukhwenkweni ukuya ebudodeni.

INkqubo 3: Iinkonzo zamaThala eeNcwadi noLondolozo lweeNkcukacha eziBalulekileyo

Somlomo, iiNkonzo zamaThala eencwadi nee-Akhayivu zabelwa izigidi ezingama-R374 646 000 ukukhuthaza, ukuphuhlisa nokutshintsha ngokuzinzileyo iinkonzo zamathala eencwadi, ezengcaciso nee-akhayivu.

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo liya kuqhubeka ukunika inkxaso kwiinkonzo zamathala eencwadi aseNtshona Koloni, linamathala eencwadi kawonkewonke angama-369 axhaswayo kwiPhondo leNtshona Koloni. Ngokubonelela ngoncedo oluziindidi ezininzi, amathala eencwadi asebenza njengendawo yokufunda, ukuphumla, ukufunda nezixhobo zokuphuhlisa izakhono zabasebenzi. Ngoko ke, iinkonzo zamathala eencwadi ayaqhubeka ukufaka igalelo elincomekayo

ekuphuculeni umgangatho weziphumo zemfundo. Ukongezelela, amathala eencwadi ainxalenye yeprojekthi i-*Broadband*, ngokuqhagamshelanisa izakhiwo zikawonkewonke nenkqubo ekhawulezayo yoqhagamshelwano nge-intanethi i-*high speed broadband*. Eli ligalelo elincomekayo elijolise ekukhuleni ngendlela enobugcisa, ejolise ekomelezeni ulwazi nokwenza izinto ngendlela entsha. Somlomo, amathala eencwadi akagcini zincwadi nje kuphela, asebenza njengeendawo zokudibana kwabantu kunye neendawo ezikhuselekileyo zabahlali bethu. Adala uluntu apho bonke abantu banikwa ithuba lokuziphuhlisa, bafake igalelo kwimfundo yobomi bonke, yaye anika ukutyeba kwezenkcubeko namathuba okuphumelela kwezoqoqosho. Somlomo, oomasipala balawula amathala awonkewonke ngenkxaso yemali eyinxenye esuka kwiSebe. Inani labasebenzi kumathala kawonkewonke axhaswa ngemali ngeegranti zamathala eencwadi ngama-890, ukusuka kuma-550 ngo-2013/14. Ngamanye amazwi, Somlomo, kwadalwa imisebenzi engama-340 kwiNkonzo zamathala eencwadi aseNtshona Koloni kwisithuba seminyaka emi-3 kuphela.

Somlomo, ngowama-2016/17, zi-6 mathala eencwadi amatsha aye akhiwa aye avulwa e-Abbotsdale kumasipala i-Swartland, i-Ashbury e-Langeberg, e-Berghof e-Bergriver, e-Citrusdal kwi-Cederberg, e-Green Valley e-Bitou nase-Herbertsdale e-Mossel Bay. Amathala eencwadi kwakhona awafumana ukuphuculwa kulo nyaka uphelileyo ngala, i-Kleinmond, i-Conville, i-Eikendal, i-Hawston, i-Suurbraak, i-Hermon kunye neyase-Simondium. Kunyaka-mali ozayo, kuya kuvulwa amathala eencwadi ayi-2 e-Groendal, e-Stellenbosch nase-Klein Drakenstein, kunye ne-Worcester Library kumasipala i-Breede Valley.

Somlomo, unyaka-mali wama-2013/14, iSebe livule amathala eencwadi angama-13 amatsha, ukwandisa inani lawo eNtshona Koloni ukusuka kuma-353 ukuya kutsho kuma-369 kwiminyaka emi-3 kuphela. Sinethemba lokunika iindawo ekwenziwa kuzo iinkonzo zamathala eenccwadi angama-385 engadlulanga owama-2020. Ndiyazingca ukwazisa ukuba iNtshona Koloni lelona phondo linamathala eencwadi zikawonkewonke ezininzi kakhulu ukuza kuthi ga ngoku, aphantse abe yikota, ama-22% awo onke amathala kawonkewonke eMzantsi Afrika. Ekupheleni kukanyaka-mali wama-2017/18, siya kuba sesichithe izigidi ezingama-R98 kwiziseko zophuhliso lamathala eencwadi.

INkqubo 4: EzeMidlalo noLonwabo

Somlomo, kumatyeli ngamatyeli ezemidlalo nolonwabo zingqineke njengezifaka igalelo ekuqukeni abantu abaninzi boluntu olwahluka-hlukeneyo lwethu.

Kungenxa yesi sizathu sokuba kwabiwe izigidi ezingama-R180 954 000 kwiNkqubo 4: EzeMidlalo noLonwabo. Olu lwabiwo luya kuthi ngenene luphuhlise ezemidlalo ukwenzela ukuba sibe nokufaka igalelo elijolise kuxolelaniso nophuhliso lwabahlali baseNtshona Koloni ngokwenza iinkqubo neenkonzo ezilungileyo, ezifikelelekayo kunye nezinto zezemidlalo ezifumanekayo, iinkqubo kunye neenkonzo. Luya kukhuthaza imidlalo yezikolo ngokubancedisa ngeziseko, ukhuphiswano, ukuqatshelwa kweetalente, uphuhliso, kwanemisebenzi ethile ekwinqanaba elilandelayo.

Somlomo, iSebe lethu linika inkxaso ekukhuleni ngokupheleleyo kwabantu ngabanye ngokuphuhlisa ezemidlalo kwanokukhuthaza ezemidlalo. Sisebenzisa ezemidlalo njengesixhobo sokunika ulutsha lwethu enye indlela yokujongana nezinto ezingatshongo khona ezidlakaza abahlali bethu kunye nokwakhela phezu kokubandakanya abantu ngabantu, umanyano, ukuzingca nokwakha isizwe. Ngokukhupha izibonelelo zokusebenza, oomasipala abathathu, oko kukuthi, e-Breede Valley, e-Mossel Bay nase-Overstrand, ziya kunikwa inkxaso ngeentlawulo ngeebhanki ukwakha izibonelelo zezemidlalo ezahlukeneyo ukwenzela ukuba kube nokuxhamla uluntu nabantu basekuhlaleni kwabo masipala. Ngokusebenzisa i-*Municipal Infrastructure Grant (MIG)*, siya kuqhubela phambili ukunika isikhokelo koomasipala malunga nendlela yokufikelela leGranti ukuya phambili.

INtshona Koloni iye yathi kwixesha elidlulileyo, yavelisa iimbaleki eziphambili yaye oku kuye kwenzeka ngokuyinxalenye ngenxa yobuhlakani nobudlelane obusebenzayo phakathi kwe-*Western Cape Academy of Sport (WECSA)*, iimanyano zemidlalo, amabhunga ezemidlalo ezithili, ne-*Western Cape Provincial Sport Confederation*. Ngenxa yobu buhlakani nobudlelane obusebenzayo, le nkqubo ye-akhademi iye yaqhubeka ukunceda ukunonophela nokwakha iimbaleki ezikumgangatho wodidi lwehlabathi eziye ziqhubele phambili yaye zimele zombini iPhondo kunye noMzantsi Afrika. Inkxaso yethu kwiimbaleki ezili-180 ngokusebenzisa inkqubo ye-akhademi e- Saldahna, e-Glasskasteel e-Bredasdorp, e-Beaufort West nase-Oudtshoorn iya kuqhubeka kulo nyaka-mali.

Ezemidlalo ziya kuqhubeka ukunika inkxaso kwiimanyano zemidlalo ezili-120, kumabhunga ezemidlalo ezithili ezithandathu kunye ne-*Western Cape Provincial Sport Confederation*l, oko kuhlawulwa inkxaso ngebhanki. I-*Club Development Programme (CDP)* iyaqhubeka ukunika inkxaso kwiiklabhu ezingama-200 ngokunika inkxaso yokuphuhliswa kwezakhono, ezothutho nezinto zokusebenza kunye nesinxibo.

Kusetyenziswa inkxaso yaloo njongo ithile kwiimanyano zemidlalo, iimbaleki ezifanelekileyo ziya kuqhubeka ukuxhamla kwinkxaso-mali enikwa iSebe ziimbaleki ezimela uMzantsi Afrika kwiziganeko zaphesheya kweelwandle ezivunyiweyo zeSASCOC.

Somlomo, ukwenzela ukuba sibe nako ukufaka igalelo elincomekayo ekwakheni isizwe, kufuneka sityale imali ekwakheni uluntu lwasekuhlaleni kuqala. Ukuphumeza oku siye saseka ubuhlakani obahluka-hlukeneyo ukukhuthaza inkxaso yezemali ngabahlali, intatho-nxaxheba kunye nomanyano. Phakathi kwabanye, iSebe liye lomeleza ubuhlakani balo ne-*Sports Trust*. Ukukhuthaza intatho-nxaxheba kakhulu kwezomdyarho weebhayisekile, ngowama-2015 kubonakele kusungulwa i-*Sports Trust Community Cycle Races* kwiindawo zasekuhlaleni apho abakhweli beebhayisekile abasakhulayo bahlala khona. Somlomo, le nkqubo yophuhliso yemidyarho yeebhayisekile esakhulayo ibonelele ngeebhayisekile, yanika inkxaso kwanokuqeqesha ukuya kutsho kubafundi abangama-220 abasuka kwizikolo eziphakamileyo ezili-12 kwiindawo ezazivinjwe amathuba eNtshona Koloni, kuqukwa izikolo ezikwingingqi i-*Cape Metro*, kwizithili zase-Boland naseWest Coast.

KweyoMdumba kulo nyaka, i-*Sports Trust* yanika abafundi abali-138 ithuba lokutyelela iRobben Island njengoko besenza amalungiselelo okunikezela ikhithi qho ngonyaka oluya kuqhubekela kwi-*World Heritage Site*. La mava enzeka kube kanye ebomini bomntu yayingawokuqala kubafundi abaninzi: utyelelo lokuqala eKapa okanye kwi-*V&A Waterfront*, ukuhamba nesikhitshane ukutyelela le ndawo iyimbali neya ngenene yalumeka inkuthazo eya kuhlala ithuba elide kakhulu ezimpilweni zabo.

Ndithatha eli thuba lokubulela i-Sports Trust ngokwenza ngaphezu kokuba bekulindelekile kumsebenzi wabo ekuzimiseleni kwabo ukuphuhlisa ezemfundo

ngezemidlalo, ngokunganiki nje kuphela abafundi ithuba lezemidlalo koko baye bakuthathela kubo ukufundisa abafundi ngelifa eliyimvelaphi yethu yezembali yelizwe lethu elihle. Ndikholelwa ngokungagungqiyo ukuba eli nyathelo liya kuvelisa abafundi ngabanye abagqibeleleyo abaya kuthi emva koko babe ziinkokeli kwiindawo zasekuhlaleni kwabo kuzisa inguqu encomekayo baze bathi ekugqibeleni batshintshe ihlabathi esikulo kwindlela abayazi liyiyo.

Somlomo, ukukhulisa ezoqoqosho nokudala imisebenzi kwisithili ngasinye, siya kuxhasa ngemali iziganeko ezibalulekileyo ezingama-50 kulo nyaka, kuqukwa iziganeko ezikhulu ezinjenge-*Cape Town Cycle Tour*, i-*Two Oceans Marathon Race*, i-*Laingsburg Marathon* ne-*Berg Rivier Canoe Marathon*. Ngobuhlakani obuphakathi koomasipala abachaphazelekayo namabhunga ezemidlalo ezithili siya kuqhubeka ukunika inkxaso koomasipala ekwenzeni iminyhadala yemidlalo e-: Knysna, Oudtshoorn, Mossel Bay, George nasePaternoster.

Ezolonwabo

Ezolonwabo ziyinkonzo ebalulekileyo ekhuthazwa liSebe njengoko kubandakanya iinkonzo neenkqubo ubani anokuzibandakanya ngayo ngokuzithandela ngethuba elikhululekileyo ukufumana amava amyoli nabangela inzaliseko. Kwakhona, eli qonga apho ezemidlalo zinokuphuhla yaye zikhule khona, njengoko ezolonwabo zikhuthaza imfundiso nemikhwa yentsulungeko esempilweni, ngumsebenzi oqhubeka ubomi bonke nokufunda ubomi bonke. Ezolonwabo zinika imisebenzi abantu bayo yonke iminyaka yobudala yaye zinokuphaphamisa abantu malunga namandla kunye nezakhono zabo ezifumaneka kubo ngaphakathi.

Ngaphezulu, ezolonwabo zinika abantu ngabanye ingqiqo enkulu ngohlobo lwamakroba namathuba akhoyo nabanokuthi bona baqhagamshelane nawo. Ngokuququzelela iziganeko zezolonwabo kweli Phondo, iSebe linenjongo yokuququzelela uqhagamshelwano phakathi:

- Kwabantu neziqu zabo apho abantu ngabanye bafunda khona ukuzazi bona ubuqu
- Koluntu nolutsha kwakunye nolutsha noluntu
- Kweentsapho apho ulutsha lunxibelelana nabadala okanye ngokutshintshiselanayo

- Kwabantu abaya kusebenza kwingqesho njengabaqeqeshi
- Kwabahlali kuba bedlala kunye njengeqela elinye
- Kwabantu ngabanye abasuka ekuguleni ukuya kwimpilo qete

Somlomo, iSebe lethu lisebenzela ukwandisa iqela letalente kwezemidlalo kwinqanaba elisezantsi lasekuhlaleni ukwenzela ukuba kunikwe ulutsha oluninzi ithuba lokuthatha inxaxheba kwiziganeko zezemidlalo, ukuqaphela inani elikhulu kakhulu lwabagqwesayo nanto leyo inika ithuba abantu abaninzi bezemidlalo baseNtshona Koloni ukuba bakhethwe kumaqela ngamaqela amaphondo nakazwelonke, kuqatshelwe italente kunye nophuhliso lwezakhono, saye sathetha-thethana nabo bonke abathathi-nxaxheba kwiphondo liphela ukuphucula izicwangciso, iziseko nezibonelelo ukwenzela ukubethelela intsebenziswano eye ithi ngokungenakuthinteleka inike inkonzo encumisayo kakhulu kubantu baseNtshona Koloni. Ekuqaleni kwale nyanga, besibambe iNgqungquthela yezeMidlalo yePhondo eGeorge kwakunye neNkomfa yeMidlalo kaMasipala eBreede Valley.

Le ntsebenziswano ilolu hlobo ivula isithuba sokukhankanya imingeni ethile ekujongenwe nayo kwisithili ngasinye, kumasipala, kwibhunga ngalinye nakwimanyano yezemidlalo nganye yaye iyasikhokela ekwenzeni kwethu iinkonzo ngokweemfuno ezahlukeneyo.

Le ntsebenziswano ilolu hlobo kwakhona ivumela ukuba bonke abathathi-nxaxheba bavakalise iimbono zabo malunga neendima ekufuneka bayidlale ngabanye ngabanye ukuqhubela phambili ezemidlalo kwiphondo kodwa okubaluleke kakhulu kukuba ivumela zonke iziseko ekuphuculeni ngokudibeneyo ukwenziwa kwenkonzo. UBambiswano ngaMandla.

Kwimeko yezeMidlalo eZikolweni, amathuba enqanaba elilandelayo ayadalwa ngokukhuthazwa:

1. KoPhuhliso lwezeMidlalo eZikolweni, olugxininisa ekuncediseni:
    - iiligi ezingaphakathi kwisikolo neeligi eziphakathi kwesikolo nesikolo;
    - Kukhuphiswano olugxininisa kubafundi kubudala bokuhamba isikolo;
    - Kuphuhliso lomqeqeshi wekhowudi ethile yezemidlalo;
    - Kumaqela ameleyo akhethwayo kwizithili;
    - Kumaqela ameleyo akhethwayo kwiphondo

2. IiNkqubo zeMidlalo yeZikolo, ezigxininisa ekuncediseni:
    - Ekubekeni esweni i-*Sport and Recreation South Africa Ministerial Bursary Programme*
    - Ekukhuthazeni intsebenziswano enamatheleneyo nemibutho yezemidlalo
    - Ukuququzelelwa kokuqatshelwa nokuphuhliswa kwetalente
    - Ngokukhulisa indlela yophuhliso olungaphezulu lwabafundi abaneetalente

Somlomo, iNkqubo ye*MOD* iqhutywa kwiphondo liphela kwizikolo eziziiprayimari nakwizikolo eziphakamileyo. Ngokubanzi, aMaziko *ee-MOD* kwizikolo eziziiprayimari asebenza njengathumela abafundi kuMaziko *ee-MOD* ezikolo eziphakamileyo. Ngale ndlela, umfundi unikwa ithuba lokufikelela qho kwanokwazi ngamathuba anikwa yiNkqubo ye-*MOD*, kwithuba ubuncinane leminyaka eli-12.

Amaziko *ee-MOD* afumaneka ubukhulu becala kwiindawo ekumgangatho osezantsi wentlalo. Le yimeko apho, ubukhulu becala, ukuba elinye laMaziko *ee-MOD* limi khona, kwizibonelelo ezingekho mgangathweni xa kuthelekiswa, izibonelelo kunye nezokhuseleko, okanye ukunqongophala kwabo, yimeko ekhoyo.

Ngaphandle kwezi ngxaki neemeko ezingentle, ngenxa yeempawu ezincomekayo zobuntu ezinjengenzondelelo, ukwenza into ngothando kwanokuzinikela, iqela labathathi-nxaxheba libonisa izakhono neetalente, kunye namandla okuphuhla ngaphezulu. Ngenxa yeenkqubo ezahlukeneyo zokuqaphela iitalente kwaneenkqubo zokuphuhlisa iitalente, abathathi-nxaxheba ababonisa la mandla achaziweyo wokuphuhla ngaphezulu banethuba lokuphucula izakhono neetalente zabo ukuya kwelinye inqanaba. Somlomo, ngolwabiwo lwezigidi ezingama-R62 809 000 ezazabelwe inkqubo ye-*MOD*, siya kuthatha amanyathelo ngokukhutheleyo ukubeka imiqathango yokuphucula iziko ngalinye ngokuxhomekeke kwiimfuno zabo ezithile.

Somlomo, ukuvuselela kwakhona ithemba nenkuthazo kwisizukulwana sethu esilahlekileyo, i-*School Sport* siya kuqhubeka nokugxininisa kwinqanaba elilandelayo lokuthatha inxaxheba kwinqanaba lephondo (phakathi kwezithili) nakwinqanaba lesizwe (phakathi kwamaphondo) olufanelekileyo kuthatho-nxaxheba

kukhuphiswano i-*South African National Schools Championship (SANSC)*. Apha kuthi, kubalulekile ukulandelela inani labafundi abathatha inxaxheba kukhuphiswano lobuntshatsheli bephondo nobukazwelonke ukuze kuqinisekiswe ukuba amathuba okuthatha inxaxheba kwinqanaba elilandelayo lokuthatha inxaxheba kwanokuqaphela italente ayadalwa. Inani elihlaziyiweyo labafundi abathatha inxaxheba kwinqanaba lephondo ngowama-2017/18 li-1 680, lo gama inani elihlaziyiweyo lokuthatha inxaxheba kwinqanaba likazwelonke ngowama-2017/18 ingama-720. Ukuze kukhuthazwe ngaphezulu intatho-nxaxheba kwinqanaba elilandelayo, i-*School Sport* siya kunceda ekuqeqesheni ootitshala namavolontiya ngokuncedisa ekuqalisweni kwenkqubo i-*School Sport Programme* ngokuqeqesha ootitshala abangama-600 namavolontiya ngowama-2017/18.

Inkqubo yokudala iinguqu yasemva kwesikolo

Somlomo, uRhulumente weNtshona Koloni ukhokela ekuziseni utshintsho ekwenzeni izinto ukuqinisekisa ukuba abafundi bahlawula iifizi ezisezantsi yaye nabafundi abangahlawuliswa fizi banako ukufikelela kumathuba emfundo andisiweyo ngokwenza iinkqubo ezikumgangatho obanzi zasemva kwamaxesha esikolo. Ezi nkqubo zinika abafundi ithuba lokufumana malunga nezo zinto bazithanda kakhulu, babe nokuzithemba, bafunde izakhono zobomi ezixabisekileyo kwanokuphucula imigangatho yeziphumo zemfundo.

Ngokwandisa amathuba okuzisa utshintsho olukhawulezayo i-*After School Game Changer* inenjongo yokunika abantu abatsha imisebenzi encomekayo, eyakhaya yasemva kweeyure zesikolo kwanokunciphisa ukwenza umngcipheko nendlela yokuziphatha echaseneyo nezentlalo. Sithemba kananjalo ukudala amathub abafundi okuba baphumelele babe ngabemi abakhutheleyo nabanemveliso.

I-*After School Game Changer* yothula umthwalo womsebenzi wamanye wamaziko ee-*MOD* kwanomsebenzi weSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwanezeMfundo kwezemidlalo nakubugcisa kwakunye nenginginya kwinkxaso yezifundo eyongezelelweyo nakumathuba eza nezakhono zobomi.

Ithagethi ngowe-2019 ngama-20% abafundi kwizikolo ezingahlawulisi fizi nakwizikolo ezihlawulisa iifizi kancinane ukuba zibe ngabathathi-nxaxheba ngokungaguqu-guqukiyo kwiinkqubo zasemva kweeyure zesikolo. Ezi nkqubo ziya kuquka imidlalo,

ubugcisa nenkcubeko, ulwazi lokubala, ulwazi lokufunda nokubhala, inkxaso yezifundo kwakunye nezakhono zobomi.

Ukuphumeza le njongo sinethagethi yokwenza umda kwizikolo ubuncinane ezingama-300 kunyaka ozayo.

Somlomo, njengoko kuchaziweyo ekuqaleni, iSebe linika inkxaso amabhunga ezemidlalo esithili amathandathu kunye ne*Provincial Confederation* enye, uRichard Buckley osuka kwiMetro, uDavid Maans osuka kwiCentral Karoo kunye noDesmond Speelman osuka kwi-*Eden Sports Councils* bamelwe apha namhlanje. Kunyaka-mali wama-2017/18 siya kuba sihlawula ngebhanki iyonke izigidi ezi-R5 700 000 kwimibutho kwisithili ngasinye. Esi sixa kwakhona sihlawulela ne-*Provincial Sport Federations*, umzekelo, i-*Western Cape Tennis*, i-*Netball*, i-*Kickboxing*, i-*Sailing*, ukuchaza nje ezimbalwa. Ndiyazingca ukwazisa ukuba mna ubuqu, ngokusesikweni, ndiya kuba ndinikezela ezi mali kwibhunga lezemidlalo ngalinye nakumasipala neSebe liya kuqinisekisa ukuba ezi mali zisetyenziselwa ukutyebisa abahlali bethu ngokusebenzisa ezemidlalo yaye azisetyenziswa gwenxa.

Somlomo, ngenxa yokuba sinabona bantu benzelwa iinkonzo abaninzi, i-*Cape Town Metro* iya kufumana isigidi esi-R1 760 000; i-*West Coast*, ngama-R510 000; i-*Cape Winelands* sisigidi esi-R1 100 000; i-Overberg, ifumane ama-R360 000; i-Eden, ifumane isigidi esi-R1 450 000 ize i-Central Karoo ifumane i-R120 000. Ngaphezulu, ama-R400 000 aya kwabelwa imali yokuphumeza loo njongo ithile.

Somlomo, imisebenzi yezemidlalo ayipheleli nje ekwakheni uvakalelo lokuba yinxalenye yabanye, ukusebenza njengeqela, ukuzithemba, uvakalelo olumandla lokuthanda ezemidlalo, ukuzingca, ithemba nomanyano, ikwanika kwakhona ukumilisela ingqondo, ukuzazi apho uya khona, injongo, imbonakalo kunye nethemba ngekamva. Kungenxa yesi sizathu ukuba imisebenzi yemidlalo ithi kanti iye yaqwalaselwa njengenegalelo ekuziseni utshintsho olukhawulezileyo i-*Western Cape Government's game changer* ejongene nokuhlasela usetyenziso-gwenxa lotywala. Ukuba ulutsha lwethu luzixakekisa ngeenkqubo zophuhliso ezakhayo lunokuthathwa njengolutsha olunamandla kunokuba lubizwe njengolutsha olusemngciphekweni njengoko iindlela zokuziphatha ezichasene nentlalo ezinjengokusebenzisa iziyobisi notywala kwanobugewu abukwazi ngoko ukuba zizinto abazibeka phambili.

Yinjongo yethu ukukhuthaza ukugqwesa nokubandakanyeka kwabantu ngabantu kwimidlalo nenkcubeko ngokusebenzisa imithombo yethu ngempumelelo, ngobuchule nangokuzinzileyo, kwanangobuhlakani kunye nabanye. Ekuyeni kufikelela kugqweso, siya kudala iimeko zokufikelela kwanokuthatha inxaxheba koninzi, ukuqatshelwa kwetalente kunye nophuhliso lwezakhono. Kwixesha lam njengoMphathiswa, ndibe nethamsanqa ngokwaneleyo lokusebenza ngeenkqubo zophuhliso lolutsha ezincomekayo ezazibeka phambili iikhowudi zemidlalo ezahlukeneyo kwanemisebenzi yezolonwabo njengezinto ekugxininiswa kuzo. Phakathi kwezinye zezinto, ezi zinto ziquka:

- I-Oasis, phantsi kobunkokeli bukaMnu Clifford Martinus ekwigalari namhlanje, liqumrhu elingenzi nzuzo elibhalisiweyo, neligxininisa kakhulu kwimidlalo yeenkqubo zophuhliso. Ezi nkqubo zenza iqonga apho banako ukuqhagamshelana nolutsha kwanabadala abasuka kwiindawo ezazivinjwe amathuba ngaphambili, zibanika amathuba ezemfundo namathuba ezakhono zobomi. Kungenxa yale nkqubo apho lwaye lwathi ulutsha olungenamakhaya lwathatha inxaxheba kwi-*International Homeless Street Soccer World Cup*. Ukususela kubuhlakani bethu ngo-2015, bangama-24 abangamadodana namabhinqa aselula abaye banethuba lokusaba kwimijikelezo yobuhlwempu kwiindawo zabo ezisemngciphekweni ngokumela ilizwe labo kwinqanaba lamazwe ngamazwe.
- Somlomo, ekubuyeni kwabo, ndilubonile mna buqu utshintsho olumandla kumntu ngamnye waba bantu batsha bangama-24 ngoku bonke bangabemi abaxhasa uthatho-nxaxheba kwimidllo njengendlela yokunyukela ngaphaya kweemeko ezingentle. UDillon Fletcher ungomnye wabo nozakuzaku banjalo. Xa ndandiqala ukuhlangana naye uDillon ngowama-2915, wayeneentloni, ethandabuza, ungasokuze umve ethetha nelinye ilizwi engumntu osoloko eveza eli cala lakhe linye. Ungadlulanga unyaka, kwakumangalisa ukubona ukuzithemba kwakhe kunyukela phezulu ngokukhawuleza. Namhlanje, uDillon ubonisa ukuzithemba okungumzekelo, uququzelela iintetho zenkuthazo yaye ungumqeqeshi ovunyiweyo we-SAFA nokwanguMqeqeshi kumaqela angaphantsi kwe-14 ne-15 leminyaka ubudala, e-Lavender Hill, e-Parklands, e-Philippi nakwezinye iindawo ezisemngciphekweni. Kukho umbono wokuba iSebe lethu liya kuthi kwakhona

lixhase ngemali iqela labasi-8 liyokuthatha inxaxheba kwindebe yehlabathi yalo nyaka.

- Somlomo, ngomso kuphawulwa ukuphela kwenyanga yemidyarho yeebhayisekile eNtshona Koloni. Siyibambe ngempumelelo i-*premier cycling events* njenge-*Cape Rouleur* ne-*ABSA Cape Epic*. Ezi ziganeko zinika iqonga labangumzekelo omhle kulutsha lwethu. Abakhweli abanetalente abasuka kwiindawo zasekuhlaleni ezihlwempuzekileyo bayakhethwa ukuba bathathe inxaxheba kwiinkqubo zophuhliso ezahlukeneyo ezibanika inkxaso zibaqeqeshe babe ziimbaleki ezihlawulelwayo ezixhotyiselwe ukukhuphisana kwiziganeko zokuqhuba iibhayisekile kumazwe ngamazwe. Enye yezo nkqubo zinjalo yi-*HotChillee's young development rider's programme*. UHotChillee ngoku usebenzisana no-*JAG*, uVelokhaya no-*Cape Town Giants*. Le nkqubo yenzelwe ukunika iqonga kubakhweli beebhayisekile abasakhulayo nabaselula baseMzantsi Afrika ukuba baqhubele phambili ukuya kufikelela kubakhweli beebhayisekile bamazwe ngamazwe. Kwiminyaka emibini edlulileyo, uShameeg Salie osuka eGrassy Park, uThulasizwe Mxenge osuka eKhayelitsha noMarco Abrahams osuka eBelhar baye baxhaswa ngemali lisebe lethu ukuba bathathe inxaxheba kwiziganeko zaseYurophu ezahlukeneyo zokuqhuba iibhayisekile kunyaka ophelileyo, ngokukodwa i-*London Alpine Challenge*. Kulo nyaka siya kube sixhasa ngemali abanye abakhweli ababini beebhayisekile abasakhulayo hayi nje ukuba baphelele ekukhuphisaneni kwiziganeko zokuqhuba iibhayisekile eYurophu koko benze uqhagamshelwano nezinye iziseko ezahlukeneyo kwelaa cala ukwenzela ukuba bakhuthazeke ukuchazela abanye basekuhlaleni kwabo ngamava afanayo abawafumeneyo, baze bathi ekugqibeleni babe zii-arhente ezikhutheleyo zenguqu.

Ukuqukumbela

Somlomo, iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lidlala indima ebalulekileyo ekubandakanyeni abantu ngabantu boluntu lwethu olwahluka-hlukeneyo, nanto leyo ngokungenakuthintelwa iyasimanya ngoBambiswano Ngamandla. Ndingaqhubeka ndithethe malunga nomsebenzi neziphumo ezihlala ixesha elide zamandla omsebenzi owenziwa leli sebe kwiindawo zethu zasekuhlaleni, kodwa oko

akubalulekile ukuba kwaziwe sithi sodwa, singqine, siphathe ngesandla sifumane amava. Abantu abasezantsi mabazi malunga nezinto zophuhliso ezincomekayo phakathi kwezinto ezidala impikiswano. Mabanikwe abantu abazizibane zethemba njengoko bezifumana bekwindawo engaxeli nokuba kuyasa yaye aba bantu bangumzekelo bakho phakathi kwabantu bethu bezemidlalo nabasakhulayo kubugcisa neembalasane zezenkcubeko. Abantu bethu balifuna kakhulu ithemba elivuselelwayo kwakhona lokuba njengesizwe, simanyene kwiyantlukwano yethu.

Eli sebe, abasebenzi abazinikeleyo kwaneenkqubo zethu ezakhayo zinako ukutshintsha iimpilo zibe ngcono eNtshona Koloni. Uluntu malwaziswe malunga nokuba ukuphila ubomi obusempilweni kuyafumaneka kubo nje ukuba babone ukuba abanye bayawasebenzisa amathuba avelayo, oko kuya kwanda yaye kutshintshe ubomi babo unaphakade. Ndihlaba ikhwelo kubo bonke abantu abalapha ukuba batyale loo mbewu yethemba babakhuthaze ukuba bafune oko kungcono malunga neziqu zabo.

Thetha-thethana nabahlali bethu kwinqanaba elogqitha ungxabalaza onokubekwa kwiphepha levoti. Mamela imingeni neemfuno zabantu bethu, vakalisa iimfuno zabo kugxa wakho onabo ubuchule bokwenza umahluko wenene kubomi bomntu omnye kwanokulandelela ukufuna ukuqonda inkqubela esele yenziwe. Ndiyayiqonda eyokuba sonke sinemisebenzi yethu emayenziwe kwanezithembiso ekufuneka zifezekiswe, kodwa umsebenzi wokuhlangula imeko ngowona msebenzi mkhulu kakhulu kunesiqu somntu ngeli thuba. Kubalulekile kuthi kungakhathaliseki ukuba sizibandakanya naliphi na iqela lezopolitiko, iimvelaphi zeenkcubeko zethu ezahlukeneyo okanye nkqu neenkcazo zemisebenzi ekufuneka siyenze ukwandisa ukuthemba, ukubandakanyeka kwabantu ngabantu, imfundo esemgangathweni nokuzithemba ngokwasemoyeni komntu ukuba negalelo ekutyebiseni abahlali bethu nentlalo-ntle yemeko yaseMzantsi Afrika.

Enkosi.